IGAMA LEPROJEKTHI
**Umsebenzi weNdlela i-N2 Wild Coast**

UBUNGAKANANI BEXESHA LEPROJEKTHI
Nyanga yoMqungu 2011 - Nyanga yoMdumba 2022

IXABISO LEPROJEKTHI
Malunga ne-R8.5 billion kwiibhulorho ezinkulu neziza zizodwa zorhwebo ezingazange zaphuhliswa ngaphambili (greenfields)

UMMANDLA
**UMmandla osemaZantsi**
(eMpuma Koloni)

ABAPHATHI ABANGAMELE UMSEBENZI:
Craig McLachlan: uManejala oyiNkokeli yeProjekthi
Gcobani Socenya: uManejala weProjekthi
Fez Duze: uManejala weProjekthi
John Gibberd: uManejala weProjekthi noLawulo lwamaQela aChaphazelekayo
Dr Mongezi Noah: uLawulo lwamaQela aChaphazelekayo
Rob Damhuis: iNgcaphephe yeZibonelelo zoMsebenzi noManejala weProjekthi

ABAKHI BOKUQALA:
Wasserman Teerwerke: IKhontraktha yeNdlela i-North Haul eMtentu (egqitywa kweyeDwarha 2017)
Aveng Grinaker LTA: IKhontraktha yeeNdlela i-Mtentu South, Msikaba South neMsikaba North Haul (egqitywa kweyeDwarha/kweyeNkanga 2017)
Aveng Strabag Joint venture: IKhontraktha eqeshwe kutshanje kulwakhiwo lweBhulorho yaseMtentu

ABAPHATHI BANGASENTLA BOKUQALA:
HVA Joint Venture: Abacebisi beeBhulorho iMsikaba neMtentu
Aurecon Romh consortium: Abacebisi be-N2WCR phakathi kwebhulorho iLingeni neMsikaba
Knight Piesold: Abacebisi be-N2WCR phakathi kweebhulorho iMsikaba neMtentu

**25** IZIKOLO

**5** IMIMANDLA YOLUNTU

**5** IIVEKI

**17 052** ABAFUNDI EZIKOLWENI

**3 000** AMALUNGU OLUNTU KUMMANDLA



**20 052** UMBONISO ONAMAVA WEZIKHOJI I-VULI NDLELA VULI MPUMA KOLONI



5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 2 2017/10/24 12:55 PM

# ULWAKHIWO LWENDLELA YOKUTHUTHA

## i-N2WC sele iza kugqitywa

Njengenxenye yenqanaba lokuqala leprojekthi i-N2 Wild Coast Road (N2WCR) iindlela zokuthutha ezine sele zisakhiwa ekubhexesheni ukuhanjiswa kwezixhobo neemateriyali kwiziza zeBhulorho yaseMsikaba naseMtentu. Ulwakhiwo lwezi ndlela luqale nge nyanga ye Nkanga kunyaka ka-2016.

Iindlela zokuthutha ziyinkxaso ebaluleke kakhulu kuzalisekiso lokwakhiwo kwebhulorho zaseMtentu naseMsikaba.

Le ndlela yokuthutha enobubanzi obuziimitha ezisibhozo nobude obusuka ku-2.3km ukuya ku-5.4km iyakuba negrabile kwakunye nesamente. Kwimimandla eneendlela ezimqengqelezi, iindllela zegrabile ziya kuxhaswa ngemigangatho yeendlelana zesamente, ipavumente. Ezi ndlelana zesamente zakhelwe ukuvumela ufikelelo nokuba imo yezulu injani na kwezi ziza zebhulorho. Ulwakhiwo lwezibonelelo zamanzi ezikhukhula nemisinga neendawo zokunqumla emilanjeni nazo ziyinxenye yolwakhiwo lwendlela yokuthutha.

Phakathi kwe-50% ne-70% yemisebenzi kwiindlela zokuthutha sele ugqityiwe nentshiyekela yomsebenzi omiselwe ukugqitywa ekupheleni kwenyanga yeDwarha 2017.

Iindlela zokuthutha ziimpawu zethutyana zeprojekthi i-N2WCR, kwaye ziya kuchithwa xa sele ulwakhiwo lwale ndlela lugqityiwe. Inkqubo yokubuyisela kwimeko yangaphambili nejolise ekugcineni indalo esingqongileyo kwimeko yayo yangaphambi kolwakhiwo iya kuqhutywa emva kokuba kuchithwe ezi ndlela zokuthutha zethutyana.






5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 3 2017/10/24 12:55 PM

# Amashishini akhasayo kwingingqi zifumana inzuzo kulwakhiwo lwendlela yokuthutha i-N2WCR




Phakathi kwe-38% ne-58% kuhlahlo-lwabiwo-mali ngalunye lwe-N2 Wild Coast Road (N2WCR) kumsebenzi weendlela zokuthutha luchithwa kwimisebenzi yengingqi kunye namashishini asakhasayo .

Lomsebenzi iyinzuzo kwiinkampani Amashishini Asakhulayo, Aphakathi Namancinc ezingama-92 kwingingqi kunye nomntu ngamnye othe waphosa igalelo ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo kwiiprojekthi ezine zeendlela zokuthutha kude kube ngoku.

Uluhlu lwee-SMME luyinxenye yenkqubo ye-SANRAL yophuhliso loluntu kwimimandla – inkqubo yeenyanga ezingama-24 equlathe izakhono zoqeqesho kushishino, ubunjineli, iithenda kunye nezakhono jikelele zobomi.



**I-SANRAL inika ithemba kumashishini asakhulayo ezisakhulayo**

Ishwangusha leminyaka emibini lokungafumani umsebenzi latshintsha kuNtomb'zonke Ngwekazi waseMzamba eMpuma Koloni xa wamkelwayo ekuthatheni inxaxheba kwinkqubo yoqeqesho yakwa-SANRAL Amashishini Asakhulayo, Aphakathi Namancinc kwingingqi kulwakhiwo lweendlela zofikelelo kuluntu kufutshane nommandla kulo msebenzi eMzamba nekuMasipala weNgingqi yaseMbizana, kuMasipala weSithili i-Alfred Nzo.

UNgwekazi, osuka kwilali yaseRholweni eMzamba, uyinxenye yenkqubo yeenyanga ezingama-24 yoqeqesho neqalise kwinyanga kaTshaziimpuzi 2016.

Weva ngomsebenzi zolwakhiwo lwendlela koomahlulelane bakhe kwezoshishino uThandiwe Mbokazi noMxolisi Mbokazi. UNgwekazi noomahlulelane bakhe kwezoshishino bangabanini be-Funokwenzani Trading and Services.

UNgwekazi, ufunde izifundo zoLawulo lwezaBasebenzi N4-N5 kunye noLwazi nobuChwepheshe kwezoQhagamshelwano NQF level 2 – level 4 kwiKholeji yaseBhayi eyaziwa njenge-Port Elizabeth College.

"Bekudakumbisa futhi kubuhlungu kakhulu ukuba sekhaya ungenzi nto imini yonke. Oko ndabasekhaya iminyaka emibini, ndifaka rhoqo izicelo zomsebenzi kodwa ndingafumani zimpendulo, futhi bekubuhlungu kakhulu. Le mfundiso ayisayi kunceda mna kuphela koko nolunye ulutsha olusokolayo ukufumana umsebenzi. Ndiyathemba ukuba amathuba amaninzi omsebenzi kunye neminye imisebenzi ziya kulandela emva kwale, sakhe ngokubanzi uluntu lwethu kummandla," utshilo uNgwekazi.

Uxakekile wenza uqeqesho futhi ufumene amava axabisekileyo nezakhono kude kube ngoku. "Eli thuba liya kwandisa ulwazi lwam futhi lundinike amava anxulumene nolwakhiwo. Nangona utata wam nodade wethu ingabona bancedisa kwinto yonke ekhaya, nam ndifumana umvuzo (stipend) owenza umahluko omkhulu ekhaya.

"Kwixesha elizayo, ndifuna ukuqhubekeka nezifundo zam kulwakhiwo futhi ndinezicwangciso zokusebenzisa amava asuka kule khontrakthi asebenze kuzo zonke iindidi zomsebenzi ingeyiyo kuphela imsebenzi yakwa-SANRAL."

## – IMIBA EKHAWULEZILEYO –

### AMATHUBA EMISEBENZI NENKXASO AMASHISHINI ASAKHULAYO, APHAKATHI NAMANCINCI KU LWAKHIWO LWEENDLELA I-N2WCR

- Kunyaka-mali ka-2015/16 malunga ne-R12.9 million eyachithwa kwiinkqubo zoqeqesho nophuhliso nezanikeza ii-SMME izakhono ezifunekayo ekuphoseni igalelo eloneleyo kulwakhiwo lweendlela neenkqubo zogcino lwazo.
- Zonke ii-SMME ezisebenza kwiiprojekthi zakwa-SANRAL zifumana uqinisekiso lohlobo oluthile lwe-SAQA, uqeqsho kushishino nakwezobugcisa. Olu qeqesho lunikezela Amashishini Asakhulayo, Aphakathi Namancinc ngamava afunekayo ekuphuculeni izinga lwazo kwiBhodi yoPhuhliso loShishino loLwakhiwo neyaziwa njenge-Construction Industry Development Board (CIBD).
- Ngabantu abamalunga ne-55 000 abanokufumana ingqesho ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo kwi-N2 Wild Coast Road (N2WCR) nophuhliso olujoliswe kwindlela ekunikezeleni iminyaka yokuqala eli-10 yokusebenza.
- Malunga neepesenti ezintlanu ekhulwini zohlahlo-lwabiwo-mali lwecandelo leziza zorhwebo ezingazange zaphuhliswa ezili-112 iikhilomitha ubude ku-N2WCR eziya kuchithwa kwimisebenzi.
- Ngaphezulu kwe-R450 million eya kwabelwa imivuzo kubasebenzi abangenazakhono, abanezakhono ezingephi kunye nabo banezakhono abaqeshwe ngqo kumsebenzi i-N2WCR nefikelela ngaphezulu kwe-1.8 million zeentsuku zomsebenzi okanye ama-8 000 yemisebenzi efanayo esisigxina.
- Malunga ne-R2.5 billion yohlahlo-lwabiwo-mali lulonke oluya kuchithwa kwii-SMME nalapho kuqikelelwa ukuba ngaphezulu kwe-R1.5 billion emiselwe Amashishini Asakhulayo, Aphakathi Namancinc zengingqi neziqulathe iikhontraktha zengingqi nabanikezeli bezibonelelo neenkonzo bengiqngi kumsebenzi zolwakhiwo lweendlela neebhulorho.



5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 4 2017/10/24 12:55 PM

# IBUTHO LAMAXHALANGA ASEMSIKABA EKOLONI

## abeke iliso ngexesha lolwakhiwo lwendlela yothutho



Ibutho lohlobo oluthile lweXhalanga laseKoloni: Ngaphezu kwama-302 amaxhalanga aseKoloni azalela kumaqethuka aseMsikaba River Gorge abekwe iliso ngexesha lenkqubo yakutshanje yendalo esingqongileyo neqaliswe yi-SANRAL.

Ngonyaka ka-2015 iXhalanga laseKoloni, nelihlala likhona kumazantsi e-Afrika, ladweliswa njengohlobo olusengozini kummandla. IButho leXhalanga laseMsikaba lelinye elibekwe phambili kulondolozo lokuqala lwamaXhalanga eMpuma Koloni nelimalunga ne-170 ukuya kwi-190 elingambini nelihlala kumaqethuka aseMsikaba River Gorge.

Njengenxenye yeemfuno zendalo esingqongileyo kwiprojekthi ye-N2 Wild Coast Road (N2WCR), i-SANRAL kutshanje iqhube inkqubo yokubeka iliso kumaxhalanga ekujongeni impembelelo yolwakhiwo lweendlela zothutho kwiBhulorho iMsikaba neMtentu kwiButho lamaXhalanga eMsikaba.

Iingcaphephe kulwazinzulu ngeentaka zaqeshwa ekubeni zibeke iliso kwinyathelo elithathwa libutho lamaxhalanga ekusikweni okulawulwayo kudutyulo lwamatye amakhulu oluqhubeka kwiziza zolwakhiwo lweendlela zothutho. Oku kubeka iliso kuvumele abakwa-SANRAL bavavanye impembelelo enokubakho yolwakhiwo kumaxhalanga ngexesha lokuqandusela ekubeni kukhuselwe nakuphina ukuphazamiseka okungafanelekanga. Ukuba iziphumo ezingafanelekanga bezithe zaqatshelwa, akukho kudubulwa kwamatye ongekuvunyelwe ngexesha lokuqandusela kwazo ngenyanga yo Kwindla ukuya kwinyanga ye Khala minyaka le.

Iziza zendlela zothutho zaseMtentu naseMsikaba zime kwi-12.8km emantla ne-12km entshona yesiza sokuqandusela seButho lwamaXhalanga aseMsikaba.

"Ibutho lamaxhalanga alenzanga nayiphina into ngexesha lodubulo lwamatye amakhulu. Xa kuthelekiswa kokufunyaniswe kwisiseko sofundo oluqhutywe kwiintsuku ekungekho dubulo ngazo, bekungekho mahluko kwimisebenzi eqhelekileyo yamaxhalanga ngaphambi nasemva kodutyulo," utsho njalo uManejala uCraig McLachlan womsebenzi we-N2 WCTR.

Inkqubo yokubeka iliso imise ukuba imisebenzi yodubulo ethe yenzeka kwiziza zothutho lolwakhiwo-ndlela iMtentu neMsikaba, kude kubengoku, ayinaziphumo ezibonakalayo ezingezihlanga ekuqanduseleni kwebutho lamaXhalanga aseKoloni kummandla.



Umboniso osuka kwiqonga lokubona elichasene neButho lwamaXhalanga eMsikaba.



5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 5 2017/10/24 12:55 PM

# Ukufuna noqeqesho lokuhlangula nokubeka iliso






Abakwa-SANRAL bakwinkqubo yokuqhuba ufuno lwezityalo nemisebenzi yohlangulo nokuseka iindawo zokukhulisa izityalo kumacandelo eBhulorho yaseMtentu naseMsikaba kwindlela i-N2WC.

Abasebenzi kwingingqi abangenazakhono abaqeshelwe ukuncedisa ekufuneni, ekuhlanguleni nakwinkqubo yokubuyisela kwisimo sangaphambili ngokwangoku bafumana uqeqesho lwezakhono kwisiza nokubeka iliso ngexa besebenza kufutshane nabalimi bomyezo (horticulturalists) kunye neengcaphephe ngezityalo ezithatha inxaxheba kulo msebenzi.

Ngokwangoku, bonke abasebenzi bengingqi sele beqeqeshiwe ekuphawuleni iintlobo ezohlukeneyo zezityalo ukuquka iintlobo ezizodwa ezixhalabisayo (SSC) nezityalo ezingenelelayo ezingeyiyo inkulelane yeli lizwe. Oku kuncede ekuqinisekiseni ukuba iintlobo ezifanelekileyo ziyafunyanwa futhi zihlangulwe.

Bakwaqeqeshwa kwiindlela zokwandisa ezibandakanya ukusikwa kwezityalo, ukulima izityalo, ukwahlula izityalo nokwenza iisoyi zasendle. Ngaphezulu, ukuqeqeshwa kubuchule bokulima imiyezo kuyanikezelwa ekuqinisekiseni ukuqonda okufanelekileyo kwezi nkqubo kwakunye nokufezekisa izinga eliphezulu lempumelelo kwimisebenzi iyonke yokulima imiyezo, eminye equka oku: imithetho-siseko yokunkcenkceshela, ukutyebisa umhlaba, ukuphawula nokulawula ukhula nezifo, nempatho yezityalo i-SSC.

Ukuphawula imbewu neendlela zokuvuna nazo ziyinxenye yenkqubo yoqeqesho. Iikhontraktha zengingqi ziyaqeqeshwa ekuphawuleni phakathi kwe-SSC, ingca, izityalo zemithi, izityalo ezingenasikhondo esilukhuni (herbaceous), i-geophyte, kunye neembewu kwimihlaba emanzi. Ngaphezulu, bakwaqeqeshelwa ukuvuna imbewu, impatho nokuyikhetha.

Ekugqibeleni, uqeqesho kwimisebenzi ebalaseleyo enxulumene nokuphawula izityalo i-SCC, ukuphawulwa kwezityalo ezifanelekileyo, ukuphawulwa kwezityalo kwimihlaba emanzi, ubuchule bokuvuna i-SCC, kwakunye neminye imisebenzi yokubuyisela kwimeko yangaphambili iya nikezelwa.

Inkqubo yonikezelo lwezakhono, kwakunye nemisebenzi enxulumene nokukhuliswa kwezityalo nolawulo loqeqesho, ayincedi nje ukuqinisekisa ukuba inkqubo yokufuna nokuhlangula isityalo isebenza ngendlela efanelekileyo nangempumelelo, ikwanceda ekuphuhliseni nokunikezela izakhono kubasebenzi abangenazo izakhono kumsebenzi.



5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 6 2017/10/24 12:55 PM



## Abanyangi bemveli (amagqirha) agcina izityalo ekunyangeni izigulo ezohlukeneyo

Abalimi bomyezo kunye nabanikezeli beenkonzo abaqeshiweyo bakwa-SANRAL basebenzisana namagqirha ekuqokeleleni izityalo ezixabisekileyo kwezonyango kwindlela yeBhulorho yaseMsikaba naseMtentu.

Amagqirha kwingingqi amenyiwe ekubeni athathe inxaxheba kwimisebenzi yokufuna nokuhlangula izityalo, bahanjiswa ukuya nokubuyela kwiziza zokufuna futhi banikezelwa ithuba lokuba babe ngabokuqala ekuqokeleleni izityalo ezixabisekileyo kubo. Xa sele ziqokelelwe, iincwadi zobhaliswa zamaxwebhu azo zonke izityalo ezithathiweyo zasekwa zaze zasayinwa ngamagqirha.

Uninzi lwezityalo eziqokelelweyo zixabiseke kakhulu emagqirheni ezizisebenzisa ekunyangeni uluhlu lwezigulo zabantu kunye nemfuyo.

### – UBUSAZI? –

Ezinye zeentlobo zezityalo eziqokelelwe ngamagqirha kwindlela i-N2WC ziquka:

- *Stangeria eriopus*, ekwaziwa njenge-Imfringo, nesetyenziswa kwimfuyo ekukhuseleni inyongo eninzi kwisingxobo senyongo
- *Bulbine latifolia (Ibhucu)* isetyenziswa ekususeni amayeza anamandla esintu emzimbeni nasekuhlaziyeni 'igazi elimdaka' elibangelwa kukutya okunamanqatha nokusela utywala okungaphaya;
- *Scabiosa columbaria* isetyenziswa ekunyangeni irhashalala esikhumbeni, kwakunye ne-
- *Callilepis laureola enceda* ekuthomalaliseni iinkantsi okanye ukujijeka kwamathumbu esiswini.



Callilepis laureola: Isetyenziswa ngamagqirha ekuthomalaliseni iinkantsi okanye ukujijeka kwamathumbu esiswini.



Scabiosa columbaria: Isityalo esikhiwa ngamagqirha ekunyangeni irhashalala esikhumbeni.



5141_SANRAL N2WC Update 2 iXhosa_REPRO.indd 7 2017/10/24 12:55 PM

# Wolwakhiwo lwe ndlela



Ulwakhiwo ku-N2 Wild Coast Road (N2WCR) luqalile futhi luqhubekeka kakuhle kakhulu.

Inqanaba lokuqala kulo msebenzi nelibandakanya ulwakhiwo lweendlela zokuthutha zethutyana kwindlela ebekelwe iBhulorho yaseMsikaba naseMtentu liqale ngenyanga yeNkanga ka -2016. Umsebenzi uqale ngokufunwa nokhuselo lweentlobo zezityalo ezisemngciphekweni nezikhuselweyo kubekelo lwendlela ngaphambi kokuqaliswa kolwakhiwo kwamacandelo egrabile kwiindlela zokuthutha. Ulwakhiwo lwamacandelo esamente kwindlela yokuthutha kwakunye nolwakhiwo lwezindlu ezintsha nokubekwa kwezinye iindawo kwamangcwaba nemizi echaphazelekayo kuya kugqitywa ekupheleni kwenyanga ye Dwarha ka 2017.

Njengoko kwazisiwe ekupheleni kwenyanga ye Thupha ka 2017, abakwa-SANRAL banikezele ufako izicelo ookwakha indlela wokwakha iBhulorho yomfula wase Mtentu kwi-Aveng Strabag Joint Venture (JV). Oomahlulelane be-JV babandakanya i-Aveng Grinaker-LTA, inkampani enkulu yokwakha esekelwe eMzantsi Afrika kunye ne-Strabag, inkampani ehamba phambili kulwakhiwo phesheya e Europe nenamava angaphaya kwiindlela eziphambili zentsika ezizinzileyo kulwakhiwo lwebhulorho. Ulwakhiwo lulindeleke ukuba luqale ngenyanga yeNkanga ka-2017 luze luthathe iinyanga ezingangamashumi amane (3½ iminyaka). Xa sele kugqityiwe, ibhulorho enobude obuli-1132m nokubheka phezulu okuziimitha ezingange-220m iya kuba yeyona bhulorho iphezulu e-Afrika kunye nakumaZantsi eSiqingatha somhlaba (Southern Hemisphere).

Njengoko kungazange kufunyanwe izicelo zokwakha ezamkelekileyo kwiBhulorho yaseMsikaba, abakwa-SANRAL baya kubhengeza ithenda entsha kwiKota yokugqibela yonyaka ka-2017. Ulwakhiwo lweekhebhile zeBhulorho iMsikaba nezibonelelo ezihambelana nolwakhiwo lwendlela i-N2WCR luya kuqala kamva kunyaka ka-2018 zize ziqhubekeke kangangeenyanga ezingange-33 (3 iminyaka).

i-N2WCR kwaxoxwa ngayo kwintlanganiso yabaphathiswa eyayibanjwe kwi-ofisi karhulumente eMpuma Koloni ngomhla we-17 yenyanga yeThupha ka 2017. Kule ntlanganiso, imiba enxulumene nokubandakanywa yamashishini asakhasayo , iinzuzo kwimimandla yoluntu kunye nempembelelo yendlela kukhenketho yaqwalaselwa. Eli qela liquka uMphathiswa wezeNdlela, uMnu. Joe Maswanganyi, iNkulumbuso uPhumlo Masualle, MEC weeNdlela neMisebenzi yoLuntu uMs Thandiswa Marawu, MEC wezoThutho uMs Weziwe Tikana, uMnu. Matete Matete (iLungu leBhodi ye-SANRAL), uChris Hlabisa DDG weZithuthi zeNdlela kwiSebe likaZwelonke lezoThutho, iGosa eliyiNtloko lesiGqeba esiLawulayo (CEO) lakwa -SANRAL Skhumbuzo Macozoma kwakunye nabanye abalawuli abaphezulu kwimigangatho iyonke karhulumente.

Abakwa-SANRAL bayaqhubekeka ekusebenzisaneni neziphatha-mandla zengingqi ngokuthe ngqo nakubanikezeli bethu beenkonzo abohlukeneyo. Ukongeza kwiintlanganiso ezikumgangatho ophezulu, abakwa-SANRAL bahlangana namaqela awohlukeneyo achaphazelekayo, umnikezeli wethu wolawulo lwemihlaba nezakhiwo u-Manco JV kwakunye neSebe loPhuhliso lwamaPhandle noTshintsho loMhlaba, bayaqhubekeka nokufunyanwa komhlaba ngaphambili kwindlela yoyilo nolwakhiwo. U-Manco JV ne Sebe Lophuhliso Lwamaphandle Notshintsho Lomhlaba baya kuhlangana noluntu ngalunye kummandla oluchaphazelekayo ngokuthe ngqo kuluhlu lweentlanganiso zikawonke-wonke.

Abanikezeli beenkonzo ababini baqeshiwe kutshanje kuyilo olubanzi lwemiqulu emibini yolwakhiwo lwendlela futhi baza kuqalisa kungekudala ukusebenzisana ngokuthe ngqo noluntu kwimimandla phakathi kweLingeni neBhulorho iMsikaba (kwimpuma yaseLusikisiki) kwakunye naphakathi kweBhulorho iMsikaba kunye neBhulorho yaseMtentu emazantsi e-Holy Cross. Ngokusebenzisana nombhexeshi wasekuhlaleni, ezi nkampani zeenjineli zimbini ziya kuthetha ngqo neenkokeli zengingqi kunye noluntu kwimimandla malunga nemiba enjengenani neendawo zemisebenzi yoluntu, iindlela zofikelelo, iindlela ezihlanganayo neendlelana ezingephi kwakunye neendlela ezingaphantsi zolimo nezabahambi ngeenyawo neebhulorho.

Le ntsebenziswano iya kuqinisekisa ukuba imimandla yoluntu macala onke endlela entsha iya kukwazi ukuthatha inxaxheba ekuqinisekiseni ukuba iyakwazi ukufikelela kwindlela entsha kwakunye nokuqhubekeka ekuhambeni ngokulula nangokukhuselekileyo neemfuyo zabo ukusuka kwicala lendlela ukuya kwelinye icala. Le ndlela yokubandakanya imimandla yoluntu iya kuqhutywa kumacandelo ewonke endlela ngokukhawuleza emva kokuqeshwa kwabanikezeli beenkonzo.


**THE SOUTH AFRICAN NATIONAL ROADS AGENCY SOC LTD**

**IDILESI YASEKHAYA** 20 Shoreward Drive, Bay West, Port Elizabeth, 6025

P.O. Box 24210, Bay West, Port Elizabeth, 6034 **IDILESI YEPOSI** 0800204558

@sanral_za @sanralza @sanral_za SANRAL SANRAL Corporate